Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

# Uthelekiso: loMgaqonkqubo weeLwimi weSU ka2021 noka2026

**Olu xwebhu lushwankathela umahluko ongundoqo ocetywayo phakathi koMgaqonkqubo weeLwimi weSU (2021) kunye noyilo lokuqala loMgaqonkqubo weeLwimi weSU (2026).**

- Ukusetyenziswa kombala mthubi ukuphawula kubonisa utshintsho olubonakalayo kuxwebhu lophengululo lwango2026 xa kuthelekiswa nomgaqonkqubo ka2021.
- Njengomgaqo wokusebenza jikelele, iqela elisebenzayo lizame ukusebenzisa ithowuni elula, efikelelekayo, nengasebenzisi zangotshe zomthethetho kuMgaqokqubo wonke. Le ndlela iye yakhokelela kuhlaziyo kuwo onke amacandelo, ngenjongo yokuphucula ukucaca, ukufundeka, nokuzibandakanya, ngelixa kugcinwa ulungelelwaniso oluyimfuneko lwezomthetho nolwamaziko.
- Isihloko sepotfoliyo yesigqeba esilawulayo sihlaziyiwe ukusuka kuSekela leSekela Ngqonyela: wokuFundisa nokuFunda ukuya kwiSekela leSekela Ngqonyela: wezeMfundo, ngokunjalo xa kubhekiswa kwiNtloko yeMicimbi yaBafundi, ukubonisa ubume beziko obuhlaziyiweyo.
- Okubandakanyiweyo njengolungiselelo olutsha olivumela elixhasa ukufundisa, ukufunda, ulawulo, nonxibelelwano lweziko ngeelwimi ezininzi ngokusetyenziswa kweICT kunye *nezixhobo zeAI*, kugxininiswa kwimigaqo yokuziphatha, ekhokelwa luphando, nokusetyenziswa ngabantu.

**I-AI ibonakala kumaqela amane omgaqonkqubo:**

| | |
|---|---|
| **Ukufunda nokufundisa (7.1.5 + 7.1.1)**<br>• Izicwangciso zokufunda ezincediswa yiAI.<br>• Uguqulolwimi/notoliko lweAI<br>• I-AI njengenkxaso yokufundisa (kusetyenziswa imida evunyiweyo)<br><br>**UCwangciso lweZiko (7.4.2 + 7.5.2)**<br>• I-AI kuphuhliso lwabasebenzi nenkxaso yokufundisa<br>• I-AI imiselwe ngenkxasomali kumalinge okuveliswa kweelwimi ezininzi | **Izibonelelo zobuChwepheshe (7.7)**<br>• Iinkonzo zeelwimi ezenziwe ngeAI (uguqulolwimi, ukukhuphela amazwi ibe ngamagama, ukuphala phantsi)<br>• Imiqathango yokuziphatha + izithintelo zengqiqo<br>• Umqathango wophuhliso olukhokelwa luphando<br><br>**Umxholo weenkqubo ozingachazwanga ngqo (7.2.6-7.2.7)**<br>• I-IT kunye namaqonga edijithali avumela ngokungathanga ngqo ukudityaniswa kweAI, kodwa akuchazwanga ngokucacileyo. |

## Ingxelo ngohlelo olucetywayo

**Amalungu oluntu lweYunivesithi yaseStellenbosch ayamenywa ukuba afake isandla njengenxalenye yenkqubo yentathonxaxheba yoluntu (ngomhla we18 kuCanzibe ukuya kowesi8 kweyeSilimela ka2026). Ukuze kube lula ukubhekisela, igalelo licelwa kumacandelo amathathu – iCandelo A, iCandelo B neCandelo C. ICandelo A libandakanya amacandelo 1-6 omgaqonkqubo ayilwayo, iCandelo B libandakanya icandelo lesi7, kwaye iCandelo C libandakanya amacandelo 8-12.**

## ISIGABA A

### Utshintsho olungundoqo kwiCandelo loku1: Intshayelelo

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ukudityaniswa ko"Ukubaluleka kwalo Mgaqonkqubo" | "Ukubaluleka kwalo Mgaqonkqubo" kubonakala njengebhokisi yombhalo eyahlukileyo eyakhiweyo, eyahlukileyo kwintshayelelo. | Iingcamango eziphambili ezivela kwicandelo elithi "Ukubaluleka" (umz. ukuveliswa kolwazi, ukwahlukahlukana kweelwimi, ixabiso lokuphuculeka kweelwimi) zidityaniswe kwintshayelelo enye, edibeneyo, ukususa ukuphindaphindeka okungafunekiyo nokuphucula ukuhambelana. |
| Ukuhambelana noMbono ka2040 | Akuchazwanga ngokucacileyo kwintshayelelo. | Kubhekiswe ngokuicacileyo kuMbono ka2040, ukomeleza ulungelelwaniso nesikhokelo sesicwangcisoqhinga sexesha elide seSU. |
| Ububanzi bokusetyenziswa kweelwimi | Ugxininiso oluphambili lukwiimeko zokufundisa nokufunda, kodwa lukwabandakanya iimeko zolawulo, zentlalo nezokuphila. | Ububanzi busafana, kodwa kunikwe iinkcukacha ezithe vetshe malunga neemeko zemfundo, ezolawulo, ezentlalo, zemisebenzi ehambelana nekharityhulam, neemeko ezongezelelweyo zekharityhulam, nezokuhlala. |
| Ulwimi njengenkqubo yezentlalo | Ukwahlukahlukana kweelwimi nobutyebi bokuphuculwa ekubhekiselwe kubo nje ngokubanzi. | Ulwimi luchazwe ngokucacileyo njengomsebenzi wentlalo onxulumene nobuni, amandla, ukwahlukahlukana nokuziva wamkelekile, neendlela zokucinga. |
| Ukuphunyezwa nokuxhotyiswa | Ugxininisa kufikelelo olulinganayo nokufaneleka kweendlela zokufundisa, ngeenkcukacha ezinqongopheleyo malunga nokuphunyezwa kwezi ndlela. | Ubandakanya ukubhekiswa kwiindlela ezithile zokuphumeza ezifana nokuguqulolwimi, ukutolika, izixhobo ezisebenzisa iilwimi ezininzi, kunye ezobuchwepheshe, ngokwamkela ukungqongophala kwezibonelelo nokuphunyezwa ngokwamanqanaba. Ukugxininisa ngakumbi kwiAI nakwezobuchwepheshe Ugcine isicwangciso sokuphunyezwa kweelwimi seSU (2024-2026) engqondweni. |

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ukufikelela, intathonxaxheba, nokuzibandakanya | Ugxininiso oluphambili lukufikelelo olulinganayo kwimfundo. | Kwandiswa ingcaciso ukuze kubandakanywe ukufikelela ngokulinganayo, intathonxaxheba, nokuzibandakanya ngokunentsingiselo kwiYunivesithi yonke. |

## Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi2: Imeko yeelwimi ezininzi

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ubume xa bubonke | Ingxelo engqalileyo ukusuka kwimeko yeziko ukuya ekuchazeni iilwimi, nengxoxo ebanzi yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi efakwe ekupheleni kwecandelo. | Buhlelwe ngokutsha bube yinkqubela phambili ecwangcisiweyo ukusuka kumxholo wokusetyenziswa kweelwimi ezininzi liziko nangumntu omnye ukuya ekusetyenzisweni kweelwimi ezininzi njengesimo sengqondo nosenzo, kwaye emva koko kuqulunqo lwemeko yeelwimi zeziko, kuquka iSASL. |
| Ukuchazwa komsebenzi weelwimi | Iilwimi zichazwe ikakhulu njengezixhobo zokunxibelelana, ukubandakanywa nokwenziwa kwamazwe ngamazwe. | Iilwimi zichazwe njengezixhobo zokuvelisa ulwazi, ukuqonda, ubuni, nokwenziwa kwentsingiselo ngezentlalo. |
| Indima yonxibelelwano kusetyenziswa iilwimi ezahlukileyo | Ikhankanywe ngokufutshane njengomzekelo owenziwa eklasini. | Imiliselwe njengendlela engundoqo yesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi ezixhasa ukufunda, unxibelelwano, nophuhliso loluhlu lweelwimi kuzo zonke iimeko. |
| Ububanzi bokusetyenziswa kweelwimi ezininzi | Ikakhulu imimandla yeziko nezemfundo, ngokubhekiselele ngokunqongopheleyo kwimeko ebanzi yobomi beyunivesithi. | Bandisiwe ukubandakanya iimeko zemfundo, ezolawulo, ezentlalo, imisebenzi ehambelana nekharityhulam neendawo zokuhlala. |
| Izakhono zemfundo enomsila | Zicingelwe kodwa aziphuhliswanga ngokwengqiqo. | Zidityaniswe ngokucacileyo kuluhlu lwesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi nophuhliso lweelwimi lwezifundo njengenkqubo yokufunda ecwangcisiweyo.. Ukuchazwa ngokucacileyo kubandakanya ubuchule bolwazi olubonwayo nolwedijithali. |

### Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi3: Ukusetyenziswa koMgaqonkqubo

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Uthethathethwano lwangaphandle | Aluchazwanga ngokucacileyo. | Lwazisa ukuqonda ukuba, nangona uMgaqonkqubo ungalawuli ngokusesikweni uthethathethwano lwangaphandle, ulwimi luhlala lungundoqo kwintsebenziswano noluntu, ukufikelela, nentathonxaxheba. |

### Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi4: Ekujoliswe kuko ngulo Mgaqonkqubo

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ingcaciso engundoqo yenjongo | Ingqwalasela encinci kumiselo ngendlela nokulawula ukusetyenziswa kweelwimi. | Lugcina umsebenzi wolawulo kodwa lwazisa ulwimi njengesango kulwazi, ukufikeleleka kwingqiqo kunye nokwakhiwa kobuni. |
| Uqulunqo lwengcamango | Akuchazwanga ngokucacileyo ukuba yeyolawulo. | Lujolise kwimfundo yolwazi kunye nobuni ngokucacileyo |
| Uqhelaniso | Luyalawulwa/lukwezolawulo. | Luyalawulwa + luyavumela  + luzisa inguqu.. |
| Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi | Akumiliselwanga njengenjongo ephambili. | Lwazisa ngokucacileyo indlela yokucinga ngeelwimi ezininzi njengeyona njongo iphambili. |
| Ububanzi beziphumo | Zibanzi kodwa azichazwanga. | Zilungelelaniswe kwiinkalo zokufundisa, uphando, ulawulo, ifuthe kwezentlalo, nokutshintshwa kwekharityhulam. |
| Ukuchazwa kobulungisa | Buchazwa ngokuthe gabalala. | Unxulumano olucacileyo phakathi kolwimi, ukufikelela, nentathonxaxheba. |

### Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi4: Iinjongo zalo Mgaqonkqubo

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ubume | Iinjongo ezi5 | Iinjongo ezi6 |
| Ulungelelwaniso noMgaqosiseko | Amabinzana ezomthetho asesikweni. | Isiseko esifanayo somthetho, amagama alungelelaniswe ngakumbi (sigciniwe "apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo"). |

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ulungelelwaniso nesicwangcisoqhinga | UMbono ka2040 + isikhokelo sesicwangcisoqhinga esidala. | Uhlaziyiwe kwathiwa uMbono ka2040 + iSicwangciso soBuchule sika2026–2030. |
| Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi | Injongo enye edibanise yonke imiba. | Yahlulwe yaba luluhlu lwesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi + indlela yokucinga ngeelwimi ezininzi. |
| Ubunzulu bengcamango | Ingcaciso engqongopheleyo. | Kwandiswa ingcaciso yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesixhobo solwimi, izenzo, nenkcubeko yeziko. |

## Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi6: Imiqathango yoMgaqonkqubo

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ingcaciso | Ijolise kuthotyelo | Ukucacisa banzi nokujoliswe kubomi beyunivesithi. |
| Imiqathango esisiseko | Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ufikelelo, nendlela yokufundisa. | Kugciniwe kwaye yacaciswa ngokwakhiwa kwendlela zokuzifundisa eziluqilima. |
| Izakhono zemfundo enomsila | Zimfutshane. | Zandisiwe kwaye zadityaniswa kuphuhliso lwesakhono sokuthetha iilwimi |
| Ukunxibelelana ngeelwimi ezahlukileyo ngaxeshanye | Kukho ubhekiso olunqongopheleyo. | Kucaciswa kwaye kuhlanganiswe ekufundiseni nasekufundeni (akusoloko iluvavanyo). Ngenxa yesi sizathu, umgaqo wokuqikelela awunokusetyenziswa ukubhekisa kwigama elithi ukufundisa-ukufunda-novavanyo (iTLA), koko makubhalwe oko kuthethwayo ngokupheleleyo kwimeko nganye apho kukhankanywa ukufundisa nokufunda. Ngamanye amaxesha, uvavanyo lushiywa ngabom. |
| Iilwimi zesiNtu | Zixhaswa ngokubanzi. | Ukuqinisekiswa ngamandla kweelwimi zesiNtu njengeelwimi zokufunda nokufundiswa. |
| Ezobuchwepheshe | Inkcazo yeenkonzo esisiseko. | "Luquka ukuhlanganiswa kweAI okukhokelwa luphando nedijithali." |

## ISIGABA B

**Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi7: Imimiselo zoMgaqonkqubo**

| Inkalo | UMgaqonkqubo okhoyo | Uyilo oluHlaziyiweyo |
|---|---|---|
| Ubume xa bubonke | Bahlulahlulwe kakhulu kwaye bulandela iinkqubo. | Ubume bugciniwe. |
| Ingcaciso yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi | IsiAfrikaans/isiNgesi njengezisiseko, isiXhosa ngokwamanqanaba. | Ubume obufanayo kodwa bubekwe ngokucacileyo kubutyebi bokuphuculwa kunye nesixhobo seziko. |
| Ukunxibelelana ngeelwimi ezahlukileyo ngaxeshanye | Imiselwe ukusetyenziswa kumagumbi okufundela. | Kwandiswe njengomqathango okhokelayo kwiimeko ezicwangcisiweyo nezingacwangciswanga. |
| Iilwimi zesiNtu | Zinemiqathango: "Apho imfuno yokufundisa kunye nalapho kukho amandla". | Zenziwe luqilima njengeelwimi zokufundisa izifundo kunye nophando. |
| isiXhosa | Ngokwamanqanaba, ngengcaciso ebonakalisa ukulumka. | Ingcaciso yophuhliso olunenjongo ngakumbi noxanduva lweziko. |
| I-ICT | Ukufunda okuphuculwe ngeICT kuphela. | I-ICT + iAI ibandakanyiwe ngokucacileyo (izixhobo zokuziqhelanisa, uguqulolwimi, ukubhala phantsi). |
| I-AI | Ayikho. | Ibandakanyiwe ngokucacileyo nokukhuselwa kokuziphatha kunye neendlela zokufundisa. |
| Ukuchazwa kobulungisa | Ujolise kufikelelo. | Ufikelelo + intathonxaxheba + ukuzibandakanya ngengqiqo |

## ISIGABA C

**Utshintsho olungundoqo kwiCandelo lesi8: Ingxelo nokuBek'iliso**
Lugcina ubume kodwa lwamkele ulwimi oluphuhlisayo malunga neenkxalabo/ingxelo endaweni yokuchaza ukuthobela kuphela. UMgaqonkqubo wandisiwe ukuquka iiNtloko zeZikolo.